Isalathiso: 20210726-4602
Inombolo yefayili: 13/11/2
Imibuzo: C Klopper

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0010/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **Ukuthintelwa kwezitenxo ngethuba lokuqhutywa kweemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) nezeSatifikethi seMatriki (*Senior Certificate*) (*SC*)**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni libulela zonke iinqununu nabagadi babaviwa ngendlela egqwesileyo abaziqhube ngayo iimviwo ezidibeneyo zangoJuni nangoNovemba 2020 nezangoJuni 2021 jikelele.

2. Nakuba kunjalo bekukho izitenxo ezimbalwa ezenzekileyo ngethuba lokusingathwa nokulawulwa kweemviwo. Ezi zitenxo zilandelayo zenzeke ngethuba lesigaba sokubhalwa kweemviwo ezidibeneyo zangoJuni nangoNovemba 2020:

Udidi lwesitenxo	Inani lezehlo ezixeliweyo
Iselula	14
Izinto (*material*) engagunyaziswanga	9
Umviwa obhale iphepha lemibuzo elingachanekanga	6
Isikripthi seempendulo ekuphunywe naso kwindawo yokubhalela	3
Ukufunyanwa emva kwexesha kwesikripthi seempendulo	7

3. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yoLawulo loVavanyo 0013/2017, yomhla we-24 Agasti 2017.

4. Ezi zitenxo zilandelayo zenzeka ngethuba lokusingathwa, lokulawulwa nokubhalwa kweemviwo:

4.1 iselula kunye/okanye izixhobo ezizii-*electronic devices*;
4.2 izinto (material) ezingagunyaziswanga;
4.3 umviwa obhale iphepha lemibuzo elingachanekanga (umz., uLwimi lweeNkobe (Home Language) endaweni yoLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (First Additional Language);
4.4 umviwa ofumana uncedo oluvela komnye umviwa;
4.5 umviwa ophume kwigumbi lokubhalela kunye neskripthi seempendulo sakhe kunye/okanye nencwadi yeempendulo yakhe;
4.6 iskripthi seempendulo esifakwe kwibhetshi engachanekanga;
4.7 iskripthi seempendulo esingekhoyo okanye esilahlekileyo – esifunyenwe phakathi kwamaphepha emibuzo kunye/okanye phakathi kwezinto ezingasetyenziswanga kwigumbi elinqatysiweyo;
4.8 iskripthi seempendulo esifunyenwe kwindawo yokubhalela iimviwo ngosuku olusemva kolokubhalwa koviwo; kunye
4.9 neskripthi seempendulo esingeniswe ngokwahlukeneyo.

5. **IsiHlomelo A** sinika ingcaciso yenyathelo eliyimfuneko xa kusenzeka isitenxo, iziphumo/ izohlwayo ezenzelwe umviwa yaye sinika isikhokelo seendlela zokuthintelwa kwezi zitenxo.

6. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala, abagadi babaviwa, abazali nabafundi, ukuqinisekise ukuba bonke abathathi-nxaxheba bazisiwe ngolawulo lwezitenxo ngethuba leemviwo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-07-30